# Irhashalala

Igama ______________________________

Umhla ______________________________

Cela umntu omdala akufundele lo mbongo phezulu, atshintshatshintshe imvakalozwi. Mamelisisa ngexa ewufunda, uze uphinde uzifundele kwakhona.

## Xa ndandigula

nguDaniel McCabe (ominyaka ili-10)



Xa ndandigula ndihleli egumbini.
Ndikwimethi yomntakwethu emfumamfuma.
Ndinebhloko ecaleni kwam,
Neenqanawa zonke kwidokisi zonke.

Inginginya yabantu ezivenkileni.
Bathenga lubisi nazimuncu-muncu.
Iimoto zokudlalisa ezibomvu nezibhlowu.
Bagodukela ukuya kuzenzela isityu.

Ndandihleli phakathi komtyino weengubo.
Iinyawo zam zithe thu emnyangweni omncinci obomvu.
Iinqwelomoya zibaleka emgaqweni wazo,
Zinyuka zintingela esibhakabhakeni.

Amajoni athile alwa idabi phezu kwenduli.
Kambe ngasechibini kuthe zole, cwaka, tu;
Izikhitshana zichankcatha phezu ulwandle;
Bonke abantu bathe ngqo ukuza kum.

Dyulukudu umntakwethu ngaphakathi!
Exwaye enjani ingxokozelo!
Ebhaxazela ngezo nyawo zisixwabiya engqingqiza,
Nanko ejongise ezimotweni, esingisa edolophini.

Baba zizantanta bonke abantu,
Begubha luloyiko baqala bakhwaza.
Hofo hlofo izindlu ukuwa, dyumpu! inqanawa ukutshona.
Xa kanye atsibela kowam umandlalo umntakwethu.

Ndandifutheke kanobom nguye,
Kuba kwakungekho mntu, nankomo zokudlalisa,
Kuphela kuziibhloko kungusaa nje;
Kwakungekho nto iseleyo emazibukweni onke!

Ndaya kulala; iithoyi zam zife zonke.
Ndasuka ndazithi gqume ngomqamelo.
Ndee tywelele phantsi kukinxapha!
Ndatsala ithatha ndangenela elimnandi lamaphupha.

# Irhashalala

Igama ____________________________________________

Umhla ____________________________________________

1) Bhala izichasi zala magama alandelayo alo mbongo. Amagama amabini okuqala owanikiweyo yimizekelo:

| | | | |
|---|---|---|---|
| gula | phila | tshona | ________ |
| qala | ________ | cwaka | ________ |
| gquma | ________ | khulu | ________ |

2) Chaza okwakusenziwa ekhaya ngexa wayegula.

____________________________________________

____________________________________________

____________________________________________

3) Kwenzeka ntoni kwakufika umntakwabo kwelo gumbi?

____________________________________________

____________________________________________

4) Zoba umfanekiso wegumbi lenkwenkwe neethoyi zayo usebenzisa iinkcazelo ezikhankanyiweyo embongweni.